basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2011**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha asi-8.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama

    ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 lamagama


    ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama

## ICANDELO A: IZINCOKO

## UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-190 ukuya kuma-240.

1.1 'Ndilithanda ngokungazenzisiyo iphondo endihlala kulo.'




Bhala isincoko ngeli phondo lakho ulithanda kakhulu. **[50]**

**OKANYE**

1.2 Ukukhulelwa kwamantombazana esesesikolweni kuthabathe unyawo. Ingaba kulungile ukuvunyelwa kwamantombazana akhulelweyo esikolweni?

Bhala isincoko uveze izimvo zakho. **[50]**

**OKANYE**

1.3 Umntu endimthanda kakhulu obalaseleyo nongumzekelo omhle.

Bhala isincoko ngalo mntu. **[50]**

**OKANYE**

1.4 'Ibisoyikeka kwaye imbi kakhulu into eyenzeke kuloo ndawo.'

Bhala isincoko uthethe ngokuthe kwenzeka kulo ndawo. **[50]**

**OKANYE**

1.5 'Lelona phupha lam ke eli ebomini.'

Bhala isincoko ngeli phupha lakho. **[50]**

**OKANYE**

1.6 Ifuthe lobuhlanga lisavakala noxa uMzantsi Afrika uneminyaka ukhululekile.

Bhala isincoko uveze izenzo zobuhlanga. **[50]**

**OKANYE**

1.7 'Ukupheliwa koswazi esikolweni kubangela ukuba abantwana bangalawuleki,' batsho abazali.

Bhala isincoko ngokulunga nokungalungi kokupheliswa koswazi ezikolweni. **[50]**

**OKANYE**

1.8 'Uyile nto uyityayo.'

Bhala isincoko ngesi sihloko singentla.

1.8





**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

### 2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Abadlali bebhola ekhatywayo beqela eliphumelele iNdebe yeHlabathi ka-2010, baza kuba bekhenkethela kwindawo ohlala kuyo. Umsebenzi wakho njengenkokheli yabafundi kukubhalela usihlalo weSAFA (South African Football Association) ileta, umcele ukuba eli qela lityelele kwisikolo sakho kukhenketho lwalo. Kule leta chaphazela umhla, ixesha, indawo, nesizathu sokulimemela kwisikolo sakho.



[Icatshulwe: *Soccer* magazini] **[30]**

**OKANYE**

2.2 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Njengonobhala ucelwe yikomiti yezococeko kwindawo ohlala kuyo ukuba uyibhalele i-ajenda nemizuzu yentlanganiso yayo. Le ajenda mayikhokelwe yile nkangeleko yokusingqongileyo kwindawo ohlala kuyo.




[Icatshulwe: kwi*Drum*, Meyi 2008] **[30]**

**OKANYE**

2.3 **IRIVYU**


Bhala ngokufutshane irivyu yencwadi okanye ifilimu oyifundileyo noyithande kakhulu. Sithini isihloko sencwadi/sefilimu? Uthini umongo wayo? Ingaba isihloko nomongo ziyangqinelana? Thetha ngabalinganiswa nangemfundiso yencwadi/yefilimu leyo. **[30]**

**OKANYE**

2.4 **ILETA YOBUHLOBO**

Utitshala omtsha ofundisa isiXhosa ukwenze wasithanda isikolo ngendlela afundisa ngayo.

Bhalela umhlobo wakho umxelele ngendlela onomdla ngayo kweli banga ngenxa katitshala wakho.



[Icatshulwe: Siyaqhubeka ngolwimi lwethu] **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE


### UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 **IPOSIKHADI**

Umzala wakho wenzelwe umgidi omkhulu emva kokubuya kwakhe esuthwini.

Bhala iposikhadi uchazele udade wenu okwelinye ilizwe ngalo mgidi.




[Icatshulwe: *Bona*, Meyi 2007] **[20]**

**OKANYE**

3.2 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Kwinkampani osebenza kuyo kufike iimoto ezintsha. Bhala isibhengezo-ntengiso ngezi moto. **[20]**

**OKANYE**

3.3 **ISINGENISO SEDAYARI**

Emva kokuphumelela ibanga leshumi ufumene iindaba zokuba uthathwe yiyunivesithi ekwelinye ilizwe njengomfundi wayo. Thatha idayari yakho ubhale zonke izinto oza kuzenza kwiveki ephambi kohambo lwakho. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha